



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2014**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-21.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulelo esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeencwadi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A: ISihobe	(30)
ICANDELO B: INoveli	(25)
ICANDELO C: IDrama	(25)

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.  
UMBONGO ONGAMISELWANGA – Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) NO-C (IDRAMA)

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundisiweyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
- Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo emide kwiSihobe mayiphendulwe ngamagama angama-240.
- Imibuzo kumacandelo eNoveli neDrama mayiphendulwe ngamagama angama-390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
- Abaviwa mabathi ngqo babesemxholweni kwiimpindulo zabo.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

**IPHEPHA LESIQULATHO:**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

<b>ICANDELO A: ISIHOBE</b>			
<b>Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.</b>			
<b>INANI LOMBUZO</b>	<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>	<b>INOMBOLO YEPHEPHA</b>
1. Isililo selulwane	Umbuzo omde	10	6
<b>OKANYE</b>			
2. Idompasi	Umbuzo omfutshane	10	7
<b>OKANYE</b>			
3. Izifo zabantwana	Umbuzo omfutshane	10	8
<b>OKANYE</b>			
4. Bubomi obo	Umbuzo omfutshane	10	9
<b>KUNYE</b>			
<b>Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE</b>			
5. Ixesha lembalela	Umbuzo omde	10	10
<b>OKANYE</b>			
6. Ixesha lembalela	Umbuzo omfutshane	10	11
<b>ICANDELO B: INOVELI</b>			
<b>Phendula umbuzo omNYE.*</b>			
7. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omde	25	12
<b>OKANYE</b>			
8. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	12
<b>OKANYE</b>			
9. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omde	25	14
<b>OKANYE</b>			
10. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	14
<b>ICANDELO C: IDRAMA</b>			
<b>Phendula umbuzo omNYE.*</b>			
11. <i>Amaza</i>	Umbuzo omde	25	17
<b>OKANYE</b>			
12. <i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25	17
<b>OKANYE</b>			
13. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omde	25	19
<b>OKANYE</b>			
14. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omfutshane	25	20

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO</b>	<b>TIKISHA NGASEZANTSI</b>
A: Isihobe (Imibongo emiselweyo)	1–4	2	
	<b>OKANYE</b>		
A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5–6	1	
	<b>OKANYE</b>		
B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–10	1	
	<b>OKANYE</b>		
C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	11–14	1	

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

**ICANDELO A: ISIHOBE****VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****IMIYALELO**

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo nomNYE ongamiselwanga.

Umviwa ulindeleke ukuba aphenidule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo emiBINI okanye naziphi na izibongo eziBINI ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongamiselwanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

**IMIBONGO EMISELWEYO****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Imiqolo ebhalwe ngqindilili iwuphuhlisa njani umxholo walo mbongo wokungamkelwa kwelulwane yindalo iphela.

**ISILILO SELULWANE – C Nqakula**

- 1 **Igama kuthiwa ndinguDludaka,**
- 2 **Kuba ngenene ndidla udaka,**
- 3 **Njengomntu ongenacala lakubalekela kulo.**
- 4 Andinakudla kunye neentaka okanye iinkuku,
- 5 Ndingenakho nokufun'ukutya kunye neempuku;
- 6 Ndithi ndakubonwa ibe ngumlo.
- 7 **Abantu bona abandithandi kwaphela,**
- 8 **Bandisukela imini nobusuku njengesela,**
- 9 **Bakundibona ndisuke ndibe licham lamatye.**
- 10 Ke ngoko andinakuhlala naphantsi ndibise,
- 11 Ababulali bandixuluba bengakhange babhungise;
- 12 Kuloko ndiphila ludaka nohlalutye.
- 13 **Andinakuphapha emini ndisinge ilizwe,**
- 14 **Kuba kuthiwa ndizis'umshologu kwizizwe;**
- 15 **Kanti nasebusuku andinayo inkululeko,**
- 16 Ndisinda ngokumana ndihamba ngamathunzi,
- 17 Kuba kaloku mna andiyiyo inkunzi-
- 18 Injinga eyaziwayo yeelali nezixeko.
- 19 Andinakho ukuziphindezela ukungcikovwa kwam,
- 20 (Ngenxa yesithomo esingephi sam);
- 21 Mna indalo ayindabelanga bumnandi.
- 22 **Akukho mntu undifuna kwelakh'icala,**
- 23 **Bonke bethu bandigxiba, bandibek'ibala;**
- 24 **Kucaca ukuba bakufa bengandithandi!**

**[10]****OKANYE**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IDOMPASI – N Gcali**

1 Yincwadana encinane ephethe igama,  
2 Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,  
3 Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,  
4 Iveza umsebenzi ixela nomqeshi,  
5 Isitampu sibonisa imfanelo,  
6 Isitampu esigwenxa yijele,  
7 Udompasi ongekhoyo yijele.

8 Impilo yabaninzi uyigqibile,  
9 Ubomi babaninzi ubuthathile,  
10 Imizimba yabaninzi uyingxwelerhile,  
11 Imizi yabaninzi uyichithile wena dompasi  
12 Ubethiwe umntu ubanjiwe umntu,  
13 Waswela umntu walamba umntu,  
14 Wabhaca umntu watshipha umntu,  
15 Nguwe wena dompasi.

16 **"Kom hierso Jan,**  
17 **Waar is jou pas?"**  
18 "Alikho mhlekazi." Qhwa ngempama!  
19 Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu,  
20 **"Gaan in, Gaan in man."**  
21 Kungenxa yakho dompasi.

22 Vum-vum-vu-uu-uum-  
23 Iyagquma ikhwela-khwela.  
24 Ifuna bonke abophul'umthetho.  
25 Basuka eNatali, basuka eFreyistata,  
26 Bavela eCiskei, bavela eTranskei,  
27 Kungenxa yakho dompasi.

- 2.1 Yayibaluleke ngantoni idompasi kumabhulu ngexesha layo? (1)
- 2.2 Cazulula igama, 'dompasi'. (2)
- 2.3 Xela isiphumo sokungabi nayo idompasi ngokwesitanza soku-1. (1)
- 2.4 Livuselela yiphi ingcinga igama ... 'uyingxwelerhile' kulo mbongo kwisitanza sesi-2. (1)
- 2.5 Nika isafobe esifumaneka kumqolo we-15. (1)
- 2.6 Izifanekisozwi, 'xhimfi', 'qhwa' no'ngqu' zinika umfanekiso-ngqondweni wantoni? (1)

- 2.7 Shwankathela okuqulathwe sisitanza sesi-4 ngesivakalisi esinye. (1)
- 2.8 Ludidi luni lombongo olu? (1)
- 2.9 Mfundiso ni egqithiswa yimbongi kulo mbongo? (1)

**[10]****OKANYE****UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IZIFO ZABANTWANA – W Shasha**

- 1 Kuthi mandithethe ndide ndithintithe ngezifo zabantwana!  
 2 Kuthi mandinithuke ndinithakathe ngezifo zeli lizwe!  
 3 Lent' izifo zabantwana zizizifo zohlanga.  
 4 Bharha mz'oSundu ukub' usapho lwakho luziintsalu,  
 5 Bharha mzi kaXesibe ukub' umntwan' esiswin' uxwesile!  
 6 Koba nini na siyintlekisa ezintlangeni?  
 7 Ngokuba sizalwe, sidle, sihluthe, sife!
- 8 Litsolil'ilizwi lalatha eGoli phantsi komhlaba.  
 9 **Butyebi bale mihla yigolide nedayimani,**  
 10 **linkab'ezimaxhaka zakwaXhosa zibuthisile,**  
 11 Ivila lenqenerha loxhatshwaza yindlala,  
 12 Ndod'ehlel'ecaleni kothango yocholwa yirhafu,  
 13 Yindedeba engenakuba nabhokhwe yambeleko.  
 14 "Umfazi phantsi – indoda phezulu!"
- 15 Batsho benyhibhel'inyhobha-nyhobha kwesejoyini.  
 16 Xhopho!  
 17 Yabil'indod'emgodin' iqhub'ingolovane.  
 18 Yaphathelela ipiqelela isoyika nophumaphele;  
 19 Gxada tsi yangen'ekhaya kanye ngonyaka,  
 20 Yachol'itik'eQonce yaphosa kuMasihlalisane;  
 21 Yehl'intlekele lavuk'uqhushululu:

- 3.1 Iyakhe njani invano-siqalo imbongi kumqolo woku-1 nowesi-2? (1)
- 3.2 Avuselela yiphi ingcinga amagama, 'mandinithuke ndinithakathe' ngomba ebonga ngawo imbongi? (2)
- 3.3 Loluphi uluvo oluphuhliswa yimbongi ngombuzo-buciko okumqolo wesi-6? (1)
- 3.4 Cazulula intsingiselo equlethwe yimiqolo emibini ebhalwe ngqindilili kulo mbongo. (2)
- 3.5 Chaza indlela umqolo we-14 oyibonakalisa ngayo indima efanele ukudlalwa ngumfazi nendoda ngokwembongi? (1)



- 3.6 Ludidi luni lombongo olu? (1)
- 3.7 Mfundiso ni egqithiswa yimbongi kulo mbongo? (2)

**[10]****OKANYE****UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**BUBOMI OBO – SSM Mema**

- 1 Namhla uhamba emarhiweni aluhlaza,
- 2 Macal'onke kuphephezela impepho
- 3 Ezoboza umphefumlo unge uyozeza;
- 4 Ukanti unga akungephez'ukurhabula
- 5 Kuloo ndeb'elephuzayo yobomi.
  
- 6 Macala kunkcenkecz'amanz'angcwengileyo,
- 7 Agabula unxano lwenyama nolwengqondo,
- 8 Kuphole ngaphakathi kuphole nangaphandle,
- 9 Ucande kubuyokoyoko bemingcunub'emigungqo
- 10 Okomzalikazi ethuthuzel'usana lwakhe.
  
- 11 Ihamba le ndlela ifike kurhex'olurhabaxa,
- 12 Zihlabek'iinyawo unge ungazixhoma;
- 13 Aw'amagqab'emthini, likubinz'ebuchotsheni
- 14 Kungenjalo lizimele likushiy'ebumnyameni,
- 15 Liman'ukukukroba linge liyagxwala.
  
- .....
- 16 Iyaphendula indalo kofun'ukucetyiswa:
- 17 Empukwini ubomi lukrekretho nonqunqutho;
- 18 Entakeni luphunguzo nokubhungc'elutshabeni.
- 19 Esihleliyo sid'ukuhlala esiphilayo sesithwethwayo;
- 20 Nakuw'ubomi yimigungqo kungenjalo ubudlile
- 21 Ozenzelw'encochoyini makalumke angawi;
- 22 Osentlanjeni unomgomo wokunyuka umnqantsa;
- 23 Osemqengqelezini angenyuka okany'ehle.
- 24 Elowo uxhotyisiwe ngovimba ongangaye,
- 25 Zikuye izitshixo zeengcango zobomi.

- 4.1 Chonga kwisitanza sokuqala igama eliphuhlisa ukuba kuthethwa ngolonwabo lomzuzwana. (1)
- 4.2 Mfanekiso-ntekelelo mni esiwuzotyelwa yimbongi kumqolo wesi-6. (1)
- 4.3 Sixhobo sini sohlalutyo igama 'okomzalikazi'? (1)
- 4.4 Ivuselela yiphi ingcinga imbongi ngobomi kumqolo we-11? (1)
- 4.5 Lubangela ntoni ushiyo lwezikhamiso kumqolo we-13? (1)

- 4.6 Ngqina ubunyani besi saci ngokucaphula kumbongo, 'Esihleliyo sidl'ukuhlala esiphilayo sesithwethwayo'. (2)
- 4.7 Lwenze msebenzi mni uchasano olukumqolo wama-23? (1)
- 4.8 Tolika okuthethwa ngumqolo wama-25. (2)

**[10]****KUNYE****IMIBONGO ENGAMISELWANGA****UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

Cazulula indlela ukhetho-magama oluwuphuhlisa ngayo umxholo kwisitanga ngasinye.

**IXESHA LEMBALELA – NT Ngamile**

- 1 Lixesha losizi nembandezelo,
- 2 Lixesha lexhala nonxunguphalo,
- 3 Indlala yon'iba bomvu krwe,
- 4 Oongxawu bahlala bekhedamile,
- 5 Ligqub'inxele likakhetsekile
- 6 Zisal'iintsana zikhedamile
- 7 Ngexesha lembalela.
  
- 8 Lixesha losizi nentswelo –
- 9 linkomo zifa zifumbe,
- 10 Ahlinze amadoda ahlinze;
- 11 Zisal'iintlanti zize.
- 12 Buyaphanz'ububel'ebantwini,
- 13 Buyabhang'ubunt' ebantwini
- 14 Ngexesha lembalela.
  
- 15 Lixesha losizi, nexhala,
- 16 Umbon'olusiz' umhlab' umpatsha-mpatsha,
- 17 Umbon'olusiz'umhlab'uphalala,
- 18 Umbon'olusiz'izityalo zibhanga,
- 19 Lonk'olo hlaza luhle luyavuthuluka,
- 20 Umhlab'usal'ukhedamile
- 21 Ngexesha lembalela.
  
- 22 Lixesha losizi neenyembezi,
- 23 Kutyhutyha izifo ngezifo,
- 24 Kuf' abantu nabantwana,
- 25 Kuf'izilo nezilwanyana,
- 26 Kugqub'indlala nokufa,
- 27 Kugqub'ukufa nexhala
- 28 Ngexesha lembalela.

**[10]****OKANYE**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IXESHA LEMBALELA – NT Ngamile**

- 1 Lixesha losizi nembandezelo,
- 2 Lixesha lexhala nonxunguphalo,
- 3 Indlala yon'iba bomvu krwe,
- 4 Oongxawu bahlala bekhedamile,
- 5 Ligqub'inxele likakhethsekile
- 6 Zisal'iintsana zikhedamile
- 7 Ngexesha lembalela.
  
- 8 Lixesha losizi nentswelo –
- 9 linkomo zifa zifumbe,
- 10 Ahlinze amadoda ahlinze;
- 11 Zisal'iintlanti zize.
- 12 Buyaphanz'ububel'ebantwini,
- 13 Buyabhang'ubunt' ebantwini
- 14 Ngexesha lembalela.
  
- 15 Lixesha losizi, nexhala,
- 16 Umbon'olusiz' umhlab' umpatsha-mpatsha,
- 17 Umbon'olusiz'umhlab'uphalala,
- 18 Umbon'olusiz'izityalo zibhanga,
- 19 Lonk'olo hlaza luhle luyavuthuluka,
- 20 Umhlab'usal'ukhedamile
- 21 Ngexesha lembalela.
  
- 22 Lixesha losizi neenyembezi,
- 23 Kutyhutyha izifo ngezifo,
- 24 Kuf' abantu nabantwana,
- 25 Kuf'izilo nezilwanyana,
- 26 Kugqub'indlala nokufa,
- 27 Kugqub'ukufa nexhala
- 28 Ngexesha lembalela.

- 6.1 Xela isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe kwimiqolo emibini yokuqala. (1)
- 6.2 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, 'Ligqub'inxele likakhethsekile'. (1)
- 6.3 Ludidi luni lombongo olu? (1)
- 6.4 Ukushiywa kwesikhamiso kumqolo we-12 nowe-13 kwenze msebenzi mni? (1)
- 6.5 Mfanekiso-ntekelelo mni ophuhliswa ligama 'umpatsha-mpatsha'? (1)
- 6.6 Xela indlela owakheke ngayo umbongo kwisitanza sokugqibela. (2)
- 6.7 Uvakala unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)
- 6.8 Mfundiso ni egqithiswa yimbongi kulo mbongo? (2)

**[10]****AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: INOVELI****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iinovelu ezimbini.
- Khetha umbuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10, khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Ukuba umviwa ukhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B (kwinoveli ayifundisiweyo) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama ayifundisiweyo). Ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Umbhali usebenzise unxunguphalo njengesixhobo sokukhulisa ibali lakhe. Ngqina oku ngokuqhubeka ebalini.

**[25]****OKANYE****UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

"Nomsa kuqhubekani?" yatsho le nto ijonge uNomsa ngaloo mehlo ngathi aza kutaka umlilo.

"Akukho nto iqhubekayo, sidlala idraughts," watsho ukuphendula uNomsa izibilini ziphezulu.

"Ngubani lo Nomsa?" yabuza le nkewu. "Ngo-ngu-ngu, ngo-ngo-ngo nguCousy," "Ufane wangunguza uza kuyithetha inyaniso, ndilive lonke ibali lakho nalo mxhaka. Ngubani lo Nomsa?" uthe xa aqalayo ukuvula umlomo uNomsa yatsho impama; yatsho waya kuwa. Uthe xa avukayo yatsho ngesihlangu esifubeni yamkhaba waphola. Uthe xa athi balulu amehlo yamthi xhakamfu le nto entanyeni imtsala ngeelokhwe immisa ngeenyawo. Uthe esagxadazela njalo imbambile yalahla ngenqindi entlafunweni yamtsho waya kuthi tywaa phantsi, yakha yamjonga. Walibona eli sikizi lokubethwa komntu obhinqileyo kangaka uThole waqonda ukuba kuza kuba nzima kuye. Kwakunzima nokuba anganqanda kuba kumi isibini phezu kwakhe ekucaca ukuba siqulathe impazamo okwaso. Uphindile wavuka uNomsa ekubeni ebekhe waphola okomzuzu. Yaphinda le nto yamthi hlasi yammisa ngeenyawo. Imbambile njalo ngesasekhohlo imayamise ngegumbi lendlu yakhupha ingcangula yemela ngesokunene yayivula ngamazinyo.

- 8.1 Ngubani le nkewu kuthethwa ngayo kwesi sisicatshulwa? (1)
- 8.2 Baphi ngeli xesha ibuza le mibuzo iyibuzayo kuNomsa? (1)
- 8.3 Bungqina buni obunokukubangela ukuba uthi uJoe unolwazi lwale nto kaThole noNomsa? (2)
- 8.4 Cacisisa ngesivakalisi ESINYE ukuba uThole noNomsa badibana phi. (1)
- 8.5 Loluphi udidi lwempixano oluboniswa yingxabano ephakathi kukaJoe noNomsa. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.6 Umbhali usebenzise eyiphi indlela yokuzoba abalinganiswa xa ezoba uJoe. Zixhase. (2)
- 8.7 Ibonakala ingumntu onjani le nkewu kuthethwa ngayo ngokwesicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.8 Ngcinga zini ezafikela uThole akubona okwakusenziwa yile nkewu kuthethwa ngayo kuNomsa? (1)
- 8.9 Esi sicutshulwa siphuhlisa ntoni ngesimo sentlalo saseBhayi? (1)
- 8.10 Ngqina ngeengongoma ezimbini ukuba uThole wasifezekisa isithembiso sakhe awasenza kuThixo ngomthandazo ngexesha wayehlaselwa nguJoe neqela lakhe. (2)

### KUNYE

#### ISICATSHULWA B

Elapho eNgilane uMangaliso emva kwengqungquthela yafika ingxelo imbikela ukuphumelela kwakhe ibanga leMatric emagqabini. Emaxesheni kwaye kungenyanga yoMqungu, oko kukuthi ke, ekuqaleni konyaka. Wathi elishiya elamaNgesi ephindela ekhaya waye sel'eqinisekile ukuba uza kufika aqhubele phambili imfundo yakhe eFort Hare ngaloo nyaka, aye namalungiselelo selenziwe onke nguMfundisi uMaqoma ukuba aqhubele phambili kwicala lobufundisi njengoko wayeselezinikele, emxelele nokuba icawa yaseWesile izimisele ukumhlawulela zonke iindleko emfundweni yakhe kanti nabafundi be-UCT babemqononondise kangako bemthembisa ngokumnika uncedo xa kuthe kwakho amagingxi-gingxi.

Uthe efika kweloMzantsi Afrika wabe engqala kwaNokholeji engenela ibanga le-BA, izifundo zakhe zithande ukugxininisa kwezakwaLizwi. Kungekudala efikile kwaNokholeji, mayela nesithuba seenyanga ezimbini, wafumana incwadi evela eNgilane.

.....  
Le ncwadi ke yayikhatshwa likhephekhephe letsheki yaloo makhulu mahlanu eeponti, into ke leyo eyamtsho waphinda wangundaba-mlonyeni, alilisela ngaye amaphepha-ndaba nelo thamsanqa lokuzibona enamakhulu amahlanu onke eeponti. Babemana ukutsho abafundi bakwaNokholeji xa bethetha ngaye neli thamsanqa lakhe besithi, "Abanye abantu bafana nqwa nabantu athetha ngabo uShakespeare, umbhali wasemaNgesini, esithi bazalwa necephe lesilivere lijinga emilonyeni yabo."

- 8.11 Sizathu sini esasibangela ukuba uMangaliso abe seNgilane ngokwecatshulwa? (1)
- 8.12 Waphinda waya kufunda phi uMangaliso ukugqiba kwakhe ukufunda eFort Hare? (1)
- 8.13 Xela into ibe nye eyazuzwa nguMangaliso kuba etshatshele kumnyhadala owawuseNgilane? (1)
- 8.14 Luthini olwakho uluvo ngendima eyadlalwa nguThozama yokuphathaphatha uyisezala, ubaw'umKwayi owayegula. (2)
- 8.15 Yintoni ebonisa ukuba ubudlelwane bahlala buhleli kusapho lukaKhohlela nosapho lukaFikizolo? (1)
- 8.16 Bonisa ngeengongoma ezimbini ubuchule obusetyenziswe nguMangaliso ukuphucula ibandla laseGeorge Goch. (2)
- 8.17 Nxulumanisa igama umbhali alithiye umlinganiswa onguMangaliso kunye nomxholo webali? (2)

[25]

**OKANYE****UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Umbhali usebenzise unxunguphalo njengesixhobo sokukhulisa ibali lakhe. Ngqina oku ngokuqhubeka ebalini.

[25]

**OKANYE****UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

"Hamba Mfazwe!" Ndayinyathela kakanye imoto, akhaba umhlaba amavili, yaxhuzula yajonga emazantsi elokishi, yaya kuwela imchathu seyityibilika ukuhamba oku. Ingene endleleni, phethuthu yajonga ngasempuma seyifuthela phezulu. Ndayolula ukuya kuwela iDobo, yanaba ukukhweza ummandla weXhalanga. Ithe isiya kuthi gubhubhu phesheya kweKhweza yabe seyibala imitsi. IGxada ilinukise nje, yaphunguza kwakanye, yaya kudlula phantsi kweyunivesithi ingangendlela. Igxanyaze kabini kathathu ukucanda kumhlaba kaTyhali, yenjenjeya ukukhweza amageduka, yathubeleza intsunguzi yeBhula, yaya kuphumela ngaphaya xa kanye lithi chapha ilanga phezu kweentaba. Iintaba zeBele nezeTola ndizishiye ngasekhohlo ndanxusa umlambo iXekesi, ndangena kumhlaba kaZamlandela, sendikhwetywa yintab'okhozi. Kuyo yonke loo ndlela ingqondo yam andizange ndiyiphe thuba lakucinga ngenye into ngaphandle kwaloo magoso-goso endlela. Xa ndifika ezinyaweni zentaba, yaqala yalula indlela, kwaqalisa ukuthi phinzi-phinzi engqondweni yam izinto ekwakukade zingxamise zifuna ukuphuma. Umfanekiso wokuqala ukuvela ibe ngokaNokuzola. Tyhini madoda, ingqondo yam ingenwe yintoni ayizazi izinto zokucingwa kakade? Ndingathi ndisedabini, phakathi kokuphila nokufa, ibe yona icinga ngamabhinqa, ngumhlola wantoni na lo?

- 10.1 Ngubani lo unika uMfazwe umyalelo wokuba ahambe? (1)
- 10.2 Wenza ntoni uMfazwe emva kwalo myalelo? (1)
- 10.3 Sizathu sini esasinyanzelisa ukuba uMfazwe ahambe? (2)
- 10.4 Ingcinga kaMfazwe ngoNokuzola iveza ntoni ngobudlelwane babo? (2)
- 10.5 Akukho nto ifihlakala kuphele. Ngqina ngeengongoma EZINTATHU oku ngobomi bukaFriday. (3)
- 10.6 Ludidi luni lwempixano oluphakathi koRhulumente wengcinezelo nabantu abacinezelweyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 10.7 Zibuchaphazele njani ubomi bukaMfazwe iingxaki athe wahlangabezana nazo eMgazi phantsi kwesandla sikaKhonjwayo. (2)
- 10.8 Edabini kubakho iingxwelerha nelahleko. Bonisa ubunyani boku ujonge umlinganiswa onguNokuzola. (2)

**KUNYE****ISICATSHULWA B**

Ndahlabela phambili, sendingxamele ukuya kufika phaya enqweleni. Athe hlathu hlathu amanwele xa kanye inqwelo ixele igoqo. Ndabhekabheka, andabona nto. Aphinde ahlathuzela amanwele ngokungathi kukho into endichwechwelayo, ndabheka, andabona nto kwakhona.

.....  
Lwathi rhiphu uvalo, ndayazi ukuba eso simo sezo zilwane sixela ukuba zinento eziyibonayo. Ndisondele kancinci enqweleni eyayilele ngecala neyayitshe yaphela kwashiyeka uphahla. Ndizokuqonda ukuba ukho undonakele ndakubona ingqushu yezihlangu phantsi, kucaca kunjalo nje ukuba yeyamadoda aliqela. Kubekho nemizila yento ebirhuqwa kufutshane neveni, oku kwesithende ebesixhathisa. Ngelo xesha iindlathi ezi zam zazingathi ziza kuqhawuka kukuziqinisa, uvalo lungongoza ngathi luza kuphuma ngomlomo.

Cwayi cwayi cwayi, ndaya kujikela ngasemva eveneni, kuthe thaa kum engqondweni imifanekiso yangezolo yempi endandikhwele nayo. Mandla ngasemva kwakungekho mntu, kuphela iyimiqulwana emnyama esondeleleneyo ngathi zizigodo ezingagqibanga ukutsha. Uninzi lwalutshe lwaluthuthu. Ebomini bam ndandingazanga ndayibona into elolo hlobo. Emoyeni kwakuvakala ivumba lenyama etshileyo. Ndabuya umva kancinci sendizizonda ukuba bendiye kufuna ntoni na kakade apho. Inye into eyayisengqondweni ngoku, ikukubaleka ndimke kuloo ndawo yayiseyingathi sisihogo sikasathana. Ndiguqukele kwicala eliya ngaseMgazi, qelele endleleni, kwakumi amadoda amane, imipu ijoliswe kum.

- 10.9 Yintoni eyabangela ukuba isithethi siye ngokungxama kule nqwelo ikhankanyiweyo kwisicatshulwa? (1)
- 10.10 Wayesebenzisa ntoni uMfazwe ukuzikhusela kwiinyoka ezinobungozi kwindlela yakhe eya eMgazi? (1)
- 10.11 Likweliphi inqanaba ibali kwesi sigaba? (1)

- 10.12 UMfazwe wazisindisa njani kwingqumbo yamapolisa xa uloliwe wayejonge eThongo? (1)
- 10.13 Udlale eyiphi indima uCikizwa ebomini bukaMfazwe? (2)
- 10.14 Nxulumanisa igama lomlinganiswa uMfazwe nomxholo webali. (2)
- 10.15 Umbhali usebenzise isigqebelo ukuveza iziphumo zomzabalazo. Ngqina oku ujonge umlinganiswa onguFriday. (2)

**[25]****AMANQAKU ECANDELO B: 25**



**ICANDELO C: IDRAMA****IMIYALELO YECANDELO C**

- Kweli candelo kubuzwe iidrama ezimbini.
- Khetha umbuzo kwidrama oyifundisiweyo.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, UMBUZO OMDE NOMBUSO OMFUTSHANE.
- Ukususela kumbuzo 11 ukuya kumbuzo 14, khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**KHUMBULA:** Ukuba umviwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C. Ukuba umviwa ebekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)****AMAZA – ZS Qangule**

Iyichaphazele njani inkolo intlalo yoluntu kulo mdlalo uthi *Amaza*.

**[25]****OKANYE****UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)****AMAZA – ZS Qangule**

Funda esi sicutshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

<b>KHULILE:</b>	Silapha kwandlu-nkulu maBhele ngokusabela isicelo sikaMkhuluwa uDanile.
<b>SABATHA:</b>	<i>(Eqongqotha inqawa, efulathela uDanile)</i> Iyawa yintoni na Nkomiyahlaba!
<b>DANILE:</b>	<i>(Engcangcazela ngumsindo)</i> ...
<b>MPHURHU:</b>	Ngubani igama lalo mbundana?
<b>QEBEYI :</b>	NguLizo, ndiqinisekile.
<b>ZOLA:</b>	Inyaniso yeyokuba bebephefumlelana!
<b>XOLILE:</b>	Singena phi ke kumdlalo wabantwana?
<b>QEBEYI :</b>	Akukho buntwana ngandawo kumntu oza kutshata.
<b>KHULILE:</b>	Ingathi le nto yalo mntwana iza kusifumbathisa udushe! Uqinile kunjalo nje!

MPHURHU:	Izifundiswa zihamba ngesitshatshela samagunya Kuba kaloku labayitrongo igazi lomntu.
QEBEYI:	Kunjalo kanye! Namagqwirha ahamba ngamagunya Kuba igqirha elinukayo linukelwa ngumthetho!
ZOLA:	Nilibele mawethu ukuba lo mfana akaliwa yintombi waliwa nini.
QEBEYI:	Into ize ifike ithini?
ZOLA:	Ebengandwendwelanga nina, ebehambele uNamhla.
SABATHA:	Ehamba erhaqaza nje akanamfazi?
ZOLA:	Ufuna umfazi wesibini.
MPHURHU:	Yintoni ke leyo?
XOLILE:	Sisithembu.
SABATHA:	Unyanisile! Uninzi lweentyatyambo zamhlamnene luyokozela kweminye imizi.
VUYISILE:	Yithi ziyabuna!
XOLILE:	Nifuna kwenzeke loo nto nalapha kuNamhla?
QEBEYI:	(Ephakama, ekrwempa intloko.) Inyoka uyichane entloko mfo kabawo. Ndiyamthanda umfo ongozeliyo, into ebuchopho bondliwe ngobisi, umntu owaxakayo amaciko abumini, nantso ke! Na-antso! Na-a-antso!
VUYISILE:	<b>Unyana womfundisi nomkhwenyana womfundisi enze amanyundululu, atshate isiThembu!</b>
ZOLA:	Yintsomi leyo! Unongekhe! Unotshe!
XOLILE:	Sizihluphela ntoni engekatshati nje uLizo?
MPHURHU:	Kutsho bani? Amakhumsha akavutheli sigodlo xa aza kuthatha umfazi!

- 12.1 Nika isizekabani sale ngxoxo? (1)
- 12.2 Bazalana njani aba bakwesi sithebe seengxoxo? (1)
- 12.3 Ingaba uDanile wenze into efanelekileyo ngokumemela abantu kule ngxoxo?  
Xhasa impendulo yakho. (2)

- 12.4 Uyiveza njani umbhali into yokuba aba bantu bakule ngxoxo bamele amaxesha ohlukeneyo. (2)
- 12.5 Saba yintoni isigqibo sentlanganiso eyayibizwe nguDanile emzini wakhe? (2)
- 12.6 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli nabukekela kumdlalo? (2)
- 12.7 Bungqina buni obubonakalisa ukuba uLizo ungumbundane kule ncwadi? (2)
- 12.8 Bonisa ngezinto EZIMBINI indlela umbhali asityhilela ngayo umba wamanyundululu kule ncwadi? (2)
- 12.9 Indlela umbhali abathiya ngayo abalinganiswa izalana nendima yabo apha ebalini. Ngqina oku ujonge kuSilumko. (2)
- 12.10 Amazwi kaVuyisile abhalwe ngqindilili asixelela ntoni ngesimo sentlalo sale ndawo? (2)
- 12.11 Khankanya into ibe NYE eyatyhileka emangcwabeni ngenxa yesakhona sokucupha sikaSilumko? (1)
- 12.12 Ungathi bangabalinganiswa abanjani uMaNdaba noMaLimakhwe emva kokuba ufunde lo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (4)
- 12.13 Kuphumelele eliphi iqela kwimpixano ekulo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]****OKANYE****UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)*****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto***

Iyichaphazele njani inkolo intlalo yoluntu kulo mdlalo uthi *A-a-a! Jongumsobomvu!*

**[25]****OKANYE**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Funda esi sicutshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

MAQOMA: Kuhle xa kunjalo. Ngathi ngesiwakhulula ngoku. Nincede ke nto zakuthi ningatshisi namnye umzi, nize ningabulali namnye umntu kananjalo. Nisebenze cocekileyo njengabantu abanesidima. Kakade aningomaxelegu. Kodwa efuna esikhumbeni, maze niyiphendule kwangesikhumba. Gqibi ke!  
(*ayaphuma amadoda ekhahlela*)

MSIKA: Mhleka! Yintoni ebangele ukuba ucinge ngoNonjoli namhlanje?

MAQOMA: ... Uyazi izolo oku besixovula umcimbi wokugxothwa kwethu emhlabeni woobawomkhulu? Ngoku nanko uSomseti esiya kuhlasela kwiilali zomntakwethu, watshayela emzini kaBaw'uNtlane ...

MSIKA: Tyhini! Unyanisile Mhleka, nditsho ndakhumbula nam ngoku.

MAQOMA: Kaloku sigxothwa nje kuloo mihlaba injalo ukutyeba ngulo Somseti owayelungisela ezo ndwadube zobukhwe bakhe.

MSIKA: Utsho kwasa ke ngoku Mhleka ...

MAQOMA: Eyona nto ukuzithandisa kwakhe kobo bukhwe bakhe ayinathi leyo, ukhululekile kwaye kufanelekile ukuba aqinise ubuhlobo bakhe kuloo mzi. Kodwa eyokuxabangela ngekamva labantu bam, leyo yona ayikho lungelweni lakhe, njengoko nakum ingekho lungelweni. Ndiyala kwaphela ke ukuyamkela imeko yokususwa kwada ngoluya hlobo kumhlaba wakowethu. Loo magunya athe xhaxhe baziphe wona baya kuwaxhamla phantsi kwelanga.

MSIKA: Kaloku zithi iintlola ukhulule la makhoboka amaLawu ngoku ke ujonge ukuwancathamisa awamfenguzise apha kuwe.

MAQOMA: Asazi apho ke. Amasi abekwe elangeni.

- 14.1 Yintoni isizathu sokuba uMaqoma akhuphe umyalelo wokuba abantu bakhe bangabulali bantu xa belanda impahla ebiweyo? (1)
- 14.2 Lo myalelo uphuhlisa ntoni ngoMaqoma? (2)
- 14.3 Babuyintoni ubudlelwane phakathi kukaMaqoma noMsika? (1)
- 14.4 Umbhali uyiveza njani le nto yokungaphatheki kakuhle kukaMaqoma ngokuhluthwa kwabo imihlaba? (2)

- 14.5 Yintoni iinjongo yokusetyenziswa kwamagama abukekela nakwizibiyeli kulo mdlalo? (2)
- 14.6 Sizathu sini esibangela ukuba uMaqoma abantu bakhe ababone njengabantu abangengawo amaxelegu? (2)
- 14.7 Kube nagalelo lini ukukhululwa kwamakhoboka nguRhulumente waseBritane kulo mhlaba? (2)
- 14.8 Buchule buni obasetyenziswa ngabantu abamhlophe ukuzuza umhlaba wabantu abamnyama? (2)
- 14.9 Igama uMary kumlinganiswa onguNowayini lingumqondiso wantoni? (2)
- 14.10 Kusichaphazele njani isimo sentlalo kulo mdlalo ukungena kwenkolo yobuKrestu kumaXhosa? Xhasa oko ngeengongoma EZINTATHU. (3)
- 14.11 Ungathi bangabalinganiswa abanjani uNobomvu noRufus emva kokuba ufunde lo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (4)
- 14.12 Kuphumelele eliphi iqela kwimpixano ekulo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**